Isifundo 10

**29 Februwari – 6 Matshi*

Ukusuka Ekuvumeni (Isono) Ukuya Ekuthuthuzelweni

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Daniyeli 9; Yer. 25:11, 12; 29:10; 2 Kumkani 19:15–19; Mat. 5:16; Yakobi 5:16.

Indima Yenkumbulo:
"Nkosi, yiva; Nkosi, xolela; Nkosi, baza iindlebe, wenze. Ngenxa yakho, Thixo wam, musa ukulibala; kuba umzi wakho nabantu bakho babizwa ngegama lakho" (Daniyeli 9:19).

UDaniyeli 9 unomnye wemithandazo emikhulu yeBhayibhile Ngemizuzu ebalulekileyo ebomini bakhe, uDaniyeli wayebhenela ekuthandazeni ukuze amelane nemingeni eyayiphambi kwakhe. Ngexesha uDaniyeli namahlakani akhe babekufuphi ukuba babulawe ngenxa yephupha eliyimfihlakalo lokumkani ongumhedeni, umprofeti wathetha noThixo emthandazweni (Daniyeli 2). Wathi xa umthetho kakumkani usalela ukucelwa nakowuphi uThixo ingenguye ukumkani, uDaniyeli waqhubeka ukwenza imithandazo yakhe yemihla ngemihla ekhangele eYerusalem (Daniyeli 6). Ngoko ke, xa siqwalasela umthandazo kaDaniyeli 9, kufuneka sikhumbule ukuba umbono wokuhlwa, kusisa okungama-2,300 kuDaniyeli 8 unegalelo elikhulu kumprofeti. Nangona imida epheleleo yeso siprofeto yayichaziwe, uDaniyeli akasakwazi ukuliqonda ixesha lethuba eliziswe yingxoxo phakathi kwezidalwa ezibini: "Koda kube kukuhlwa, kusisa, okungamawaka amabini anamakhulu amathathu; yandule ukuhlanjululwa ingcwele; (Dan. 8:14, KJV). Kungoku, kwisahluko 9, ekuthe ukukhanya okongeziweyo kwanikwa umprofeti, kwaye ngeli xesha, nakhona, kusekuphendulweni komthandazo onenzondelelo.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka 7 Matshi.*

Umbindi WeliZwi LikaThix

Funda: Daniyeli 9:1, 2. UDaniyeli uthi "waqonda ngazo iincwadi" isiprofeto awayesifunda ngononophelo. Yeyiphi incwadi okanye zeziphi iincwadi zeBhayibhile athetha ngazo?

Xa sikhangela emthandazweni wakhe, kuyacaca ukuba uphuma kubunzulu bokufuna isityhilelo sikaThixo esidlulileyo kuMoses nabaprofeti. Akuba efundile kwincwadi esongwayo kaYeremiya ukuba ixesha lokuthinjwa liya kubangama-70 yeminyaka (jonga uYer. 25:11, 12; Yer. 29:10), UDaniyeli uyakuqonda ukubaluleka komzuzu wembali aphila kuwo.

Masikhumbule ukuba uDaniyeli unikela umthandazo ngowe-539 B.C., umnyaka awathi amaPersi athabatha indawo yeBhabeli. Ngoko, kwakusele kuza kuphela ama-70 eminyaka kususela ukuba uNebhukadenetsare woyisa iYerusalem watshabalalisa itempile. Ngoko ke, ngokwesiprofeto sikaYeremiya, abantu bakaThixo, kungekudala, baza kubuyela kwikowabo. Ngokuthemba iliZwi likaThixo, uDaniyeli uyazi ukuba kukho into enkulu eza kwenzeka kubantu bakubo nokuba, njengoko uThixo ethembisa eZwini laKhe, ukuba selubhacweni eBhabheli kwakuza kuphela kwakamsinyane aze amaYuda abuyele kwikhaya lawo.

Ekufundeni kwakhe iziBhalo awayenokuzifumana, uDaniyeli ukwayiqonda indlela ezimbi ngayo izono zabantu bakhe. Ngenxa yokuba baphule umnqophiso, babuqhawula ubudlelwane noThixo; ngoko, isiphumo esiqinisekileyo kukuya elubhacweni (Lev. 26:14–45). Kungoko, kukufunda isityhilelo sikaThixo okunika uDaniyeli ukuwaqonda amaxesha nokumnika ingqondo yokukhawuleza kokucenga uThixo ngenxa yabantu.

Njengoko sifika kwimihla yokugqibela kwimbali yomhlaba sidinga ukufunda kakhulu siphile ngokweliZwi likaThixo. SisiBhalo kuphela esinokusinika inkcazo ngegunya yembambano enkulu phakathi kokulungileyo nokubi, size ngoko sityhile ukuba imbali yoluntu iya kuphela ngokucinywa kobubi kuze kumiselwe ubukumkani bukaThixo obungunaphakade. Okona sisifunda isiBhalo, okona siyiqonda ngcono imeko yomhlaba nendawo yethu kuwo kwixesha esiphila kulo, kwakunye nezizathu zethemba lethu phakathi kwehlabathi elinganiki nto.

Isinceda njani iBhayibhile ukuba siliqonde noko ihlabathi, lona ngokwalo, elibonakala ngokulula ukuba alinanto iyiyo konke?

Isicelo Sobabalo

Funda: Daniyeli 9:3–19. Usixhome entweni ni uDaniyeli isicelo sakhe senceba?

Kufuneka siqaphele ngendlela eyodwa iingongoma ezimbalwa kulo mthandazo: Kuqala, akukho emthandazweni kaDaniyeli apho acela naluphi uhlobo lwenkcazelo ngeentlekele ezenzeka kubantu bakwaYuda. Uyasazi isizathu. Ngokwenene, ubukhulu bomthandazo wakhe ungoDaniyeli ngokwakhe echaza isizathu: "Asiliphulaphulanga ilizwi likaYehova uThixo wethu, ukuba sihambe ngemiyalelo yakhe, abeyibeke phambi kwethu ngabakhonzi bakhe abaprofeti" (Dan. 9:10). Sigqibele simshiya uDaniyeli efuna ukuqonda into ezakwenzeka ekupheleni kukaDaniyeli 8, xa athi akawuqondi umbono wokuhlwa, kusisa okungama-2,300 (jonga uDan. 8:27).Ingongoma yesibini yeyokuba lo mthandazo usisibheno esifuna ubabalo lukaThixo, intumekelelo kaThixo ukuxolela abantu baKhe nangona bonile benza ububi. Ngandlela ithile, sibona apha ukubonakala okukhulu kwegospile, abantu abonileyo abangenanto bangayibeka elungileyo eyeyabo, kodwa befuna ubabalo abangalufanelanga kwanokuxolelwa abangakusebenzelanga. Ingaba lo asingumzekelo wendawo esikuyo thina, apho, ngabanye, siphambi koThixo?

Funda: Daniyeli 9:18, 19. Sesiphi esinye isizathu asinikayo uDaniyeli sokuba iNkosi iwuphendule umthandazo wakhe?

Omnye umba womthandazo kaDaniyeli ufuna ukukhankanywa: isibheno sokuzukisa igama likaThixo. Oko kukuthi, umthandazo awuqhutywa kukufunela uDaniyeli okwakhe okuhle, okanye okwabantu bakhe, kodwa ngenxa yokukaThixo (Dan. 9:17–19). Ngamanye amazwi, isicelo kufuneka siphendulwe kuba igama likaThixo liya kuzukiswa.

Funda: 2 Kumkani 19:15–19. Kungaziphi iindlela owathi umthandazo kaHezekiya wafana nokaDaniyeli? Uthini uMateyu 5:16 ngendlela nathi esinokuthi simzukise uThixo ngayo?

Lwesibini

3 Matshi

Ixabiso Lothethelo

Funda: Daniyeli 9:5–13. Yintoni ebalulekileyo ngokuba uDaniyeli wazingisa esithi "so"nile, ngoko naye ezifaka ezonweni ezathi ekugqibeleni zazisa intlekele enkulu esizweni?

Umthandazo kaDaniyeli ungomnye wemithandzo ebalulekileyo yokumela eseBhayibhileni. Imithandazo enjalo iyayichukumisa intliziyo kaThixo,ikutyhalele kude ukugwetywa endaweni yoko izise ukuhlangulwa kwiintshaba. Xa uThixo elungele ukutshabalalisa isizwe sonke sakwaYuda, ukungenelela kukaMoses kwasibamba isandla saKhe (uThixo)(Eks. 32:7–14, Num. 14:10–25). Naxa imbalela enkulu yayiza kuwutshabalalisa umhlaba, uThixo uphendula umthandazo kaEliya, ayithulule imvula, awuhlaziye umhlaba (1 Kumkani 18). Xa sithandazela amalungu osapho, abahlobo, nabanye abantu okanye iimeko, uThixo uyayiva imithandazo yethu kwaye unako ukungenelela. Ngamanye amaxesha kunokuthabatha ixesha elide ukuphendulwa komthandazo, kodwa singaqiniseka ukuba uThixo akaze azilibale izidingo zabantwana baKhe (jonga uYakobi 5:16).

Kule meko, uDaniyeli udlala indawo yomthetheli, okanye umthetheleli, phakathi kukaThixo nabantu. Ekufundeni kwakhe iziBhalo, umprofeti ufumana indlela abantu abanesono abathi babe yiyo xa begqitha umthetho kaThixo baze bale ukuphulaphula izilumkiso zikaThixo. Ngoko ke, ngokuqonda imeko yabo yasemoyeni yokuphelelwa lithemba, uDaniyeli uthandazela ukuphiliswa nokuxolelwa. Kweminye imiba, uDaniyeli ubonisa inxaxheba kaKristu njengomthetheli wethu (Yohane 17). Kanti ke, kukho umahluko omkhulu: UKristu waye "engenasono" (Heb. 4:15) ngenxa yoko engadingi kuvuma isono saKhe okanye ukunikela umbingelelo wokwaKhe ukuxolelwa (Heb. 7:26, 27). Noko kunjalo, uzifanisa ngendlela eyodwa naboni: "UThixo wamenza lowo ungenasono ukuba abe sisono ngenxa yethu, ukuze kuYe sibe bubulungisa bukaThixo" (2 Kor. 5:21, NIV).

"Ukuba ubungahlanganisa yonke into elungileyo nengcwele nenodumo nethandekayo emntwini uze uyinikele kwiingelosi zikaThixo njengenendawo eyisebenzayo ekusindisweni komphefumlo womntu okanye ekumenzeni anconywe, elo cebiso beliya kwaliwa njengelivukela ulawulo (lukaThixo)."— Ellen G. White, *Faith and Works*, p. 24. Asifundisa ntoni la mazwi ngokudinga kwethu uMthetheli ngenxa yethu?

Umsebenzi KaMesiya

Umthandazo wokuthethela kaDaniyeli ujonge kwizicelo ezibini: izono zabantu nokutshatyalaliswa kweYeruslem. Ngoko ke, impendulo kaThixo isebenza ngezi zicelo zibini. Ngomsebenzi kaMesiya abantu baya kuhlangulwa ize ingcwele ithanjiswe. Izicelo ezibini ezitsolileyo, phofu, ziphendulwa ngendlela enyukela ngaphaya komda wokubona kukaDaniyeli imbali yangoku: umsebenzi kaMesiya uya kuba lulutho kuhlanga loluntu lonke.

Funda: Daniyeli 9:21–27. Nguwuphi umsebenzi owawuza kwenziwa phakathi kwexesha eliziveki ezingama-70? Kutheni le nto inguYesu kuphela onokuwenza?

---

1. "Ukuba sithintelwe isikreqo." Igama lesiHebhere lesikreqo" (pesha') linika imeko yokwaphulwa komthetho ngenkani ngumntu ophantsi ukuchasa owongamileyo (umzekelo, Imiz. 28:24). Eli gama lifumaneka eBhayibhileni ngokubhekiselele ekudelelweni okuphandle kukaThixo ngabantu (Hez. 2:3). Ngegazi likaYesu, kodwa, uvukelo ngakuThixo luyanyhashwa baze abantu banikwe okuhle okumpompoza kuvela eKhalvari.
2. "Zipheliswe izono" (NKJV)." Isenzi sinentsingiselo yoku tywina" size apha sithethe ukuba isono siyaxolelwa (IziBhalo Ezingcwele). Kususela ekuWeni (esonweni), uhlanga loluntu alukwazanga ukuphila ngokwemigangatho kaThixo, kodwa uMesiya uza kukulungisa ukusilela kwethu.
3. "Bucanyagushelwe ubugwenxa"." Njengoko uPawulos ebhala: "Ngokuba kwakholeka ukuthi ukuzaliseka konke kuhlale kuye, nokuthi ngaye azixolelanise naye zonke izinto, elwenzile uxolo ngalo igazi lomnqamlezo wakhe" (Kol. 1:19, 20). Nalapha, nguYesu kuphela onokuzisa le meko.
4. "Kuziswe ubulungisa obungunaphakade." UKristu wathabatha indawo yethu emnqamlezweni waza ngoko wabeka phezu kwethu imeko yentsikelelo yokuba "ngabalungileyo" ngakuThixo. Kuphela ngokholo esingathi sikuzuze obu bulungisa buvela kuThixo.
5. "Utywinwe umbono nesiprofeto," (NKJV). Xa uKristu ezinikela embingelelweni, iziprofeto zeTestamente eNdala ezazilatha emsebenzini waKhe wokucamagushela kwaKhe zatywinwa ngendlela ethi zazalisekiswa.
6. "Ithanjiswe ingcwele kangcwele." Ingcwele kangcwele ekhankanywa apha asingumntu kodwa yindawo. Intetho ke ngoko ibhekisa ekuqalisweni kolungiselelo lokuthethelela kukaKristu engcweleni yasezulwini. (Heb. 8:1).

Lwesine

5 Matshi

IKhalenda Yesiprofeto

Ekupheleni kombono wama-2,300 eentsuku, umprofeti uyakhwankqiswa kuba engakwazi ukuwuqonda (Dan. 8:27). Kwiminyaka elishumi emva koko, uGabriyeli uyeza ukuba amncede uDaniyeli "awuqonde" umbono (Dan. 9:23). Esi sityhilelo samva sinika ulwazi olungekhoyo ngokubhekiselele esiphelweni seeveki ezingama-70. Ngokomthetho-siseko semini ngumnyaka kunye nokuhamba kweziganeko ezixelwe kwangaphambili, ama-70 eeveki kufuneka ziqondwe njengama-490 yeminyaka. Indawo ke eliqala kuyo eli xesha ngumyalelo othi makubuyiselwe kwakhiwe iYerusalem (Dan. 9:25). Lo myalelo wakhutshwa ngukumkani Artashashta ngowama-457 B.C. Uvumela amaYuda phantsi kwenkokelo kaEzra ukuba akhe ngokutsha iYerusalem (Ezra 7). NgokweBhayibhile, ama-70 eeveki "amiselwe" okanye "ashunqulwe." Oku kubonisa ukuba ithuba lexesha lama-490 yeminyaka lishunqulwe kwithuba lexesha elide, oko kukuthi, kuma-2,300 yeminyaka exelwe embonweni wesahluko 8. Kuphuma apha ukuthi, ama-2,300 yeminyaka kunye nama-490 yeminyaka kumele ukuba nendawo enye apho aqala khona, engumnyaka wama-457 B.C. Isiprofeto seeveki ezingama-70 sahlulahlulwe saziziqendu ezithathu: iiveki ezisixhenxe, ama-62 eeveki, kunye neveki yama-70.

Iiveki ezisixhenxe (iminyaka engama-49) kubonakala ibhekiselele kwixesha xa iYerusalem yayisa kubuya yakhiwe. Emva kwezi veki zisixhenxe, kuya kubakho iiveki ezingama-62 (ama-434 yeminyaka) ekhokelela "kumthanjiswa oyinganga" (kuMesiya uMthetheli [NKJV]) (Dan. 9:25). Ngoko ke, ama-483 eminyaka emva komthetho ka-Artashashta, ukuthi, umnyaka uA.D. 27, uYesu uMesiya uyabhaptizwa athanjiselwe umsebenzi nguMoya Oyingcwele. Ngeveki yama-70, ezinye iziganeko ezibalulekileyo ziya kwenzeka: (1) "Uya kunqunyulwa umthanjiswa [uMesiya]" (Dan. 9:26), okubhekisa ekufeni kukaKristu. (2) UMesiya "abaninzzi [wo]baqinisela umnqophiso iveki enye" (Dan. 9:27). Lo ngumsebenzi okhethekileyo athunywe wona uYesu nabapostile kuhlanga lwakwaYuda. Wenziwa ngexesha le"veki" yokugqibela, ukususela ku-A.D. 27 ukuya ku-34. (3) "Ngesiqingatha seveki iphelise imibingelelo neminikelo yokudla" (Dan. 9:27). Iminyaka emithathu enesiqingatha emva kokubhaptizwa kwaKhe (oko kukuthi, phakathi evekini), uYesu uzisa ekupheleni uhlelo lwemibingelelo - into ethi ayisenako ukubaluleka ngokwesiprofeto – ngokuzinikela kwaKhe engumbingelelo wokugqibela nogqibeleleyo womNqophiso omTsha, ngaloo ndlela esenza singabinto isidingo sayo nayiphi imibingelelo yezilwanyana. Iveki yokugqibela yama-70 eeveki zesiprofeto iphela ngowama-34 A.D., xa uStefano wabulawa ngenxa yenkolo saza isigidimi seendaba ezilungileyo saqala ukufikelela, kungekumaYuda kuphela, kodwa naseziNtlangeni.

Funda: Daniyeli 9:24–27. Naphakathi kwethemba elikhulu nesithembiso sikaMesiya, sifunda ngobubhovubhovu, imfazwe, nentshabalalo. Kungasinceda njani oku ukuba siqiniseke ukuthi, naphakathi kweentlekele zobomi, lihlale likho lona ithemba?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Apha ngasezantsi kukho itshathi echaza indlela isiprofeto sikaDaniyeli 9:24–27 sama-70 eeveki esihlangana nesenza isiqalo sama-2,300-yeminyaka yesiprofeto sikaDaniyeli 8:14. Xa uqala ukubala ama-2,300 yeminyaka ususela kowe-457 B.C. (ukukhumbula ukususa umnyaka ongekhoyo oliqanda), ufikelela kowe-1844; okanye, xa ubala eshiyekileyo eli-1,810 leminyaka ukususela kowe-A.D. 34 (2,300 thabatha eyokuqala engama-490 yeminyaka, ufikelela kowe-1844, ngokunjalo. Ngoko ke, ukuhlanjululwa kwengcwele kukaDaniyeli 8:14 kunokuboniswa kuqala ngowe-1844. Qaphela, indlela umhla wowe-1844 ongena ngayo noko sakubona kuDaniyeli 7 nesi-8. Oko kukuthi, umgwebo okuDaniyeli 7, oyinto efana nokuhlanjululwa kwengcwele okukuDaniyeli 8, (jonga isifundo seeveki ezimbini ezidlulileyo), kwenzeka emva kwe-1,260-leminyaka yentshutshiso (Dan. 7:25) kanti ngaphambi kokuBuya kwesiBini kukaYesu nokumiselwa kobukumkani baKhe obungunaphakade.



Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Izifundiswa zathi, zinyanisile phofu, isiprofeto sama-2,300-eentsuku neeveki ezingama-70 sisiprofeto esinye. Kutheni zisitsho? Bungqina buni obufumanekayo ukuxhasa loo mbono?

2. Yintoni enokufunda kumthandazo kaDaniyeli wokuthethela enokusinceda kobethu ubomi bemithandazo yokuthethela?

3. Umbingelelo kaKristu ngenxa yethu kuphela kwethemba lethu. Oku kumele ukusigcina njani sithobekile kanti ke, okona kubaluleke kakhulu, kusenze ukuba sibathande sibaxolele kakhulu abanye? Uthini uLuka 7:40–47 kuthi sonke?

4. Khangela indlela esingumongo ngayo isiBhalo emthandazweni kaDaniyeli nakwithemba lakhe? Ngapha koko, isizwe sasoyise ngobungonyama, abantu bathinjwa, ilizwe labo ladlavulwa, ubutyebi babo batshatyalaliswa. Kanti ke kunjalo, unethemba lokuba, sekwenzeke konke oku, abantu baya kubuyela ekhaya. Unokuba ulifumene phi eli themba ngaphandle kwaseBhayibhileni nakwizithembiso zikaThixo ezibhalwe kuyo? Kumele ukusixelela ntoni oku ngethemba esinokuba nalo kwizithembiso eziseliZwini?